



INGONYAMAKAZI
EDINWE
KAKHULU

Imile Wepener • Maren Bodenstein • Nathan McKay

Ingonyamakazi Edinwe Kakhulu

Le ncwadi yeka







Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

*Ingonyamakazi Edinwe Kakhulu
(The Very Tired Lioness)*

Illustrated by Imile Wepener

Written by Maren Bodenstein

Designed by Nathan McKay

Edited by Margot Bertelsmann

Translated by Nal'ibali

with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 27 October 2018.

ISBN: 978-1-77623-059-4

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.


Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.


No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.



Kwakukho ingonyamakazi
endala eyayidinwe kakhulu.

Yayidinwe kangangokuba
yayilala imini yonke ...
nobusuku bonke.






“Yiza uze kuzingela nathi,”
babesitsho oodadewabo
neentombi zakhe.

Kodwa ingonyamakazi
yayidinwe kakhulu.

“Yintoni engalunganga kuye?”
zabuza ezinye iimpala ezincinane.
“Ningasondeli kakhulu,” bazilumkisa
oonina. **“Hleze anitye.”**

Kodwa ingonyamakazi
yayisuka iphekuze
ngeendlebe zayo ukuze
igxothe iimpukane.






Ngenye imini ingonyamakazi
yavuka iziva ngathi kukho
into eyijongileyo.

Yathi yakujonga phezulu, yabona
isidalwa esibilayo nesiingajongeki
kakuhle emthini.

“Ungubani?” yabuza ingonyamakazi.

“Ndililanga. **Ndize kulanda wena,**” saphendula isidalwa.

“**Hamba suka apha,**”
yavungama ingonyamakazi.
“**Ndifuna ukulala.**”





Ithe xa iphinda ivula amehlo ayo kwakhona ingonyamakazi, ilanga labe lisesemthini.


“Awuboni ukuba usenza shushu kwaye sinxanwe?”


“Ixesha liyahamba,”
latsho ilanga.
“Ndilandele.”

Ngoko ingonyamakazi yaphakama
ingangxamanga yalandela ilanga.

“Uzingele kamnandi,” bakhwaza
oodadewabo neentombi zakhe
beyilandela.

“Sawubonana! Sawubonana!”
yantyiloza intaka.







Kodwa ingonyamakazi
yayingeva nto xa
yayinyuka isiya ...

... phezulu naphezulu naphezulu
ingena esibhakabhakeni.


“Yhu, kukude kodwa,”
yatsho ingonyamakazi.





“Akusekudanga kakhulu noko ngoku,” latsho ilanga. “Uza kuphumla sakufika apho siya khona.”

Ngoko ke ingonyamakazi
yaya **kuhlala nelanga.** Imini
yonke ingqengqa icubhukile
ekufudumaleni kwalo.





Kodwa ebusuku, **xa lilele ilanga,**
ijonga ezantsi kwihlabathi elihle
elishiye emva.



